# Ubugqi bembewu



NguVutivi Tracy Shirinda

UNdlalifa wayeneminciIi! Wayehamba nomama wakhe beyokutyelela ifama yoojongilanga kaMalume.


05
22

Ekugqibeleni bafika efama.

Mgama, UNdlalifa wayebona iinduli nomsinga. Wayebona indlu yasefama enophahla lwengca.

Kodwa owona mbono wawumhle yayingamasimi awayezaliswe ngoojongilanga abamthubi.



Oojongilanga bamvuyisa kakhulu UNdlalifa.

Wagqiba ekubeni acele uMalume amfundise indlela yokubakhulisa.



UMalume wabonisa UNdlalifa imbewu engwevu namhlophe

“Aba oojongilanga bade bakhula kwiimbewu ezincinci ngolu hlobo?” Wabuza emangele UNdlalifa

“Ewe,” utsho uMalume. “Ngoyena mangaliso wembewu lowo. Owona mthi mkhulu wawuyimbewu encinane!”



UMalume wabonisa UNdlalifa indlela yokulungisa umhlaba wembewu.

Wasusa ingca namatye, walima umhlaba.





Ekugqibeleni, uMalume wenza imingxuma emhlabeni wafaka imbewu enye kumngxuma ngamnye.

UMalume waxelela UNdlalifa indlela yokunkcenkceshela imbewu.

“Kudingeka nje intwana yamanzi kodwa imbewu kufuneka inkcenkceshelwe yonke imihla. Emva koko silinde ilanga, umhlaba namanzi ukuba zivuse imbewu, ukuze iqalise ukukhula,” utshilo uMalulme.



UMalume wanika UNdlalifa iimbewu zikajongilanga agoduke nazo.

“Enkosi, Malume. Ingathi andisafiki ekhaya nam ndizokutyala eyam imbewu!” watsho UNdlalifa.



UNdlalifa wayigcina ikhuselekile imbewu kajongilanga endleleni ebuyela edolophini.





Akufika ekhaya, uNdlalifa wenza lento ebeyixelelwa nguMalume.

Wahlakula umhlaba wafaka imbewu enye kumngxuma ngamnye. Wayinkcenkceshela yonke imihla imbewu.

Lakhanya ilanga, kungekudala kwadubula amahlumela amancinane aluhlaza. Imbewu kajongilanga yayikhula.



Kungekudala zavuleka iintyatyambo ezintle ezimthubi. Waziva enebhongo UNdlalifa.

Umama naye wayezingca. Wafota wathumelela umalume.

Umyalezo wawusithi *'UNdlalifa umlimi woojongilanga!*

